



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

XHOSA.2

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2014

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha asi-6.

MORNING SESSION



IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|-------------|---------------------|------|
| ICANDELO A: | Isincoko | (40) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (20) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |
2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza uyilo (umzekelo: Imephu yengqondo/isazobe/okanye idayagramu/ iflowu tshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze uwufunde kwakhona umsebenzi wakho.
6. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.
7. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
8. Uyacetyiswa ukuba usebenzise:
 - Imizuzu engama-60 kwiCandelo A
 - Imizuzu engama-30 kwiCandelo B
 - Imizuzu engama-30 kwiCandelo C
9. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
10. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
11. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
12. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isincoko sibe siNye kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-150-180.

- 1.1 Abaqhubi abaninzi eMzantsi Afrika abayithobeli imithetho yezendlela. [40]
- 1.2 'Andisoze ndiwulibale unyaka wokufunda kwam imatriki.' [40]
- 1.3 'Ibimnandi kakhulu le mini!' [40]
- 1.4 'Andisoze ndiwulibale loo myalezo we-SMS.' [40]
- 1.5 Khetha umfanekiso ube mnye ubhale isincoko. Sinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakho.

1.5.1



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.google.co.za]

[40]

1.5.2



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.google.co.za]

[40]

1.5.3



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.google.co.za]

[40]

1.5.4



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.google.co.za]

[40]

AMANQAKU ECANDELO A: 40



ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha umhlathi omde ube Mnye kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60-80 (umxholo kuphela).

2.1 INGXOXO YABABINI

Bhala ingxoxo phakathi kwentombi nenkwenkwe malunga nobomi babo kwilizwe labo uMzantsi Afrika.

[20]**2.2 ILETA ESESIKWENI**

Bhalela inqununu yesikolo ileta yokwenza isicelo somsebenzi wokuba ngumqeqeshi wezemidlalo esikolweni.

[20]**2.3 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umalume wakho ileta umbulele ngesipho semali akuthumelele yona yokukhenketha nesikolo ngeeholide zeHlobo.

[20]**2.4 INGXELO EMFUTSHANE**

Bhala ingxelo emfutshane yokhuphiswano lweekwayala ebeniye kulo eSun City.

[20]**AMANQAKU ECANDELO B: 20**

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**


Khetha umhlathi ube MANYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-40–60 (umxholo kuphela).

3.1 IPOSIKHADI

Bhalela umhlobo wakho iposikhadi umxelele ngendawo enomdla obutyelele kuyo eMzantsi Afrika.

[20]**3.2 IZALATHISI**

Jonga kule mephu ingezantsi uze ubhale izalathisi oza kuzinika umfundi omtsha okhangela igumbi lesiXhosa. Lo mfundi udibana nawe ngakwigumbi leSayensi aze acele wena ukuba umkhombise igumbi lesiXhosa. Mkhombise alandele indlela eboniswa ziintolo.

**[20]****3.3 IPOWUSTA**

Bhala ipowusta ngeseyile ekwivenkile oyaziyo. Khumbula ukuquka zonke iinkcukacha ezibalulekileyo.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 80

